Isifundo 2

**Okthobha 7–13*

Imbambano

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:
Heb. 8:6, Mat. 19:17, IsiTy. 12:17, Levitikus 23, Zenzo 15:1–29, Gal. 1:1–12.

Indima Yenkumbulo:
"Umthetho wawiswa ngoMoses, lwabakho lona ubabalo nenyaniso ngoYesu Kristu" (Yohane 1:17).

Ibandla lokuqala ubuninzi yayingamaYuda angazange aka acinga nomzuzwana ukuba, ngokwamkela uMesiya ongumYuda, uYesu, ngandlel' ithile ayesimka kwinkolo yooyise okanye kwizithembiso zomnqophiso uThixo awazenza nabantu baKhe. Ngokwenzeka kwezinto, ayelungisa. Ingxaki yamakholwa okuqala amaYuda yayikukuba, ingaba kwakufuneka ukuba amaYuda abe ngamaKristu na ukuze amamkele uYesu. Ingxaki kwabaninzi kuwo yayikukuba kufuneka iiNtlanga zibe ngamaYuda na ukuze zamkele uKristu.

Kwaba kamva, kwintlanganiso eyayiseYerusalem, ukubakho kwempendulo eqinileyo. Kwenziwa isigqibo sokuba zingahlutshwa iiNtlanga ngeemfumba zemiyalelo nemithetho. Oko kukukthi, iiNtlanga zazingadingi ukuba zibe ngamaYuda kuqala ukuze zamkele uYesu. Phofu, sesikho sinjalo isigqibo, ezinye iititshala zaqhubeka nokuba sisibetho emabandleni ngokuzingisa ukuba abaguqukele enkolweni beNtlanga kufuneka bayigcine imiyalelo nemithetho, kuquka ulwaluko amabandla (ingeyiyo inkqubo kanye eyayiza kwenza ukuba ukungena ebuKristwini ibe nomdla kumntu omdala). Oko ayecinga ukuba ezi Ntlanga, ukuze zibe ngamadlelane nezithembiso zomnqophiso, kwakufuneka zithobele imiyalelo nemithetho eyayithatyathwa ukuba iyafuneka kwabo banenxaxheba kubudlelane bukaSirayeli. Yayisithini imiba, yalungiswa njani?

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaOkthobha 14.*

Umnqophiso Olunge Ngakumbi

Funda Hebhere 8:6. Sithini isigidimi apha? Siziqonda njani ezi "zithembiso zilunge ngakumbi" ukuba zintoni?

Mhlawumbi owona mahluko mkhulu kakhulu phakathi kwenkolo yeTestamente eNdala neyeNtsha yinto yokuba, ixesha leTestamente eNtsha langena ngokufika kukaMesiya, uYesu waseNazarete. Wathunyelwa nguThixo ukuba abe nguMsindisi. Abantu bebengeke bangamkhathaleli baze balindele ukusindiswa. Kuphela ngocamagushelo aluzisayo ekwakunokuthi izono zabo zixolelwe. Kuphela ngokubekwa kobomi baKhe obufezekileyo ababenokuthi beme phambi kukaThixo bengenakugwetywa. Ngamanye amazwi, usindiso lwalungobulungisa bukaYesu, ingekho enye into. KwiTestamente eNdala, abangcwele babekhangele phambili kwiintsikelelo zexesha likaMesiya nesithembiso sosindiso. Ngamaxesha eTestamente eNtsha, abantu babejongene nombuzo, othi, Bangaba baza kumamkela uYesu waseNazarete othunyelwe nguThixo njengoMesiya, uMsindisi wabo na? Ukuba bakholwa kuYe—ukuthi, ukuba bamamkela kuba enguLowo ngenene wayenguYe, bazinikela kuYe—babeya kusindiswa ngobulungisa awayebanika ngesisa. Ngaxesha linye, ukuziphatha okwakufuneka, kwakungaguqukanga kwiTestamente eNtsha, kuba kwakusekelwe kwisimilo sikaThixo nesikaKristu. Ukuthobela umthetho wokulungileyo kaThixo kuyinxalenye yoMnqophiso omTsha kanye njengoko kunjalo komDala.

Funda Mateyu 19:17; IsiTyhilelo 12:17; 14:12; noYakobi 2:10, 11. Zithini kuthi ezi ndima ngomthetho wokulungileyo kwiTestamente eNtsha?

Ngaxesha linye, zizonke iinkonzo nemithetho yamadini eyayicacile ukuba yeyobuSirayeli—neyayicacile ukuba yeyoMnqophiso omDala, yonke yayisalatha kuYesu nokufa kwaKhe kunye nomsebenzi waKhe njengombingeleli omKhulu—yahamba yayekwa, kwaza kwangena uhlelo olutsha, olusekelwe "kumadinga alunge ngakumbi." Ukunceda bonke, amaYuda neeNtlanga ukuba baqonde okuqukwe kutshintsho ekusukeni kubuYuda kuye ebuKristwini, yayiyeyona iphambili kwiinjongo zencwadi yabaseRoma. Kwakuza kuthabatha ithuba ukwenza olu tshintsho. AmaYuda amaninzi ayengekalulungeli utshintsho olukhulu olwalusiza.

Zeziphi ezinye zezona zithembiso ozithandayo zeBhayibhile? Kukangaphi ukuzibanga kwakho? Zinto zini ozikhethayo ezinokuma endleleni yokuzalisekiswa kwezi zithembiso ebomini bakho?

Imithetho YamaYuda Nemimiselo

Xa ixesha livuma, funda nje incwadi yeLevetikus. (Khangela, umzekelo, uLevetikus 12, 16, 23.) Ufikelwa ziingcinga ezithini xa ufunda yonke le mithetho nemiyalelo kunye neenkonzo? Kungani ukuba zonke ezi zingenako ukulandeleka kumaxesha eTestamente eNtsha?

Kulula kuthi ukuyibeka imithetho yeTestamente eNdala phantsi kwamaqela eyahlukeneyo: (1) umthetho wokulungileyo, (2) umthetho wamasiko, (3) umthetho wokulawula abemi, (4) imiyalelo nezohlwayo, (5) nemithetho yempilo. Oku kucalula kunendawana yokwenziwa. Eyona nto iyiyo yeyokuba amanye ala mahlelo athungelene, kwaye kukho ukuqabelana okukhulu. Abantu bakudala babengayiboni yahlukene izimele ingulowo ngokwawo. Umthetho wokulungileyo ushwankathelwe kwimiThetho eliShumi (Eks. 20:1–17). Lo mthetho uhlanganise okulungileyo okufunekayo eluntwini. Le miyalelo ilishumi yandisiwe yasetyenziswa kwimithetho eyahlukahlukeneyo nezohlwayo kuzo zontlanu iincwadi zokuqala zeBhayibhile. Ezi zandiso zibonisa okwakuthethwa kukugcina umthetho kaThixo phantsi kweemeko ezahlukahlukeneyo. Yayingekude kwimithetho yokulawula abemi. Nale, nayo, yayakhelwe kumthetho wokulunga. Le icacisa ulwalamano lommi kumagunya aphetheyo nakwabanye abemi. Ixela izohlwayo zokwaphulwa komthetho okwahlukahlukeneyo.

Umthetho weenkonzo nezithethe wawulawula iinkonzo zasengcweleni, uchaza iminikelo eyahlukeneyo noxanduva lomntu ngamnye. Imihla yesidlo ixeliwe kwachazwa nendlela yokuyigcina. Imithetho yempilo iqabelene neminye imithetho. Imithetho engokucoceka ichaza ukungcola ngokwenkolo, kanti iyadlula apho ihlanganise neyokucoceka nemithetho-siseko yempilo. Imithetho engokucoceka neenyama ezizinqambi ixhomekeke ekunakekelweni komzimba.

Nangona umYuda wayeyithabatha yonke le mithetho ngokomgodlo omnye, kuba yonke yayivela kuThixo, kwakufuneka enze ucalulo engqondweni. ImiThetho elishumi yayithethwe nguThixo ngqo ebantwini. Oku kwakuyibeka bucala njengebaluleke ngendlela ekhethekileyo. Eminye imithetho yanikwa ngoMoses. Inkonzo yengcwele yayinokugcinwa kuphela lo gama ingcwele yayisebenza. Imithetho yokulawula abantu, ubuninzi bayo, yayingasenako ukunyanzelwa emva kokuba amaYuda alahlekwa yinkululeko yawo aphantsi komthetho wolawulo lwezinye izizwe. Emininzi kwimithetho yenkolo yayingasagcinwa emva kokuba itempile yatshatyalaliswa. Kanti ke, nasemva kokufika kukaMesiya, imifuziselo emininzi yahlangana noqobo ayabi saba naxabiso.

Ngokwesiko LikaMoses

Funda IZenzo 15:1. Wawuyintoni unobangela wokwahlukana? Kungani ukuba abanye bacinge ukuba lo mba wawungenguwo owesizwe samaYuda kuphela? Khangela uGen. 17:10.

Nangona abapostile babemanyene nabafundisi kunye nabazalwana eAntiyokwe ngelinge elinyanisekileyo lokuzuzela uKristu imiphefumlo emininzi, amakholwa athile amaYuda awayevela kwaYuda "ehlelo labaFarisi," laphumelela ukungenisa umbuzo owakhawuleza wakhokelela kwimbambano eyathi saa ebandleni yazisa ukumangaliswa kumakholwa eeNtlanga. Ngokuzithemba okukhulu ezi titshala zathi, ukuze umntu asindiswe, kufuneka aluke, awugcine wonke umthetho wenkonzo yamasiko. AmaYuda, ngapha koko, ayesoloko ezidla ngeenkonzo zayo ezamiswa lizulu, baye abaninzi kwabo babeguqukele kwinkolo kaKristu besaziva ukuba, kususela ukuba uThixo wayibeka yacaca indlela yokukhonza kwamaHebhere, kwakungenako ukwenzeka ukuba angagunyazisa utshintsho nakuwuphi umniningwana. Bema kwelithi imithetho yamaYuda neenkonzo zawo zimele ukuhlanganiswa kwiinkonzo zenkolo yobuKristu. Babeqonda kade ukuba yonke iminikelo yemibingelelo yayifuzisela ukufa koNyana kaThixo, apho umfuziselo wahlangana nesiqu, nekwathi emva kwako (ukufa) iinkonzo namadini exesha likaMoses awaba saba nambophelelo.

Funda IZenzo 15:2–12. Yasonjululwa njani le mpikiswano?

"Ngexesha elindele kungenkokhelo engqalileyo,[uPawulos] wahlala ekulungele ukwamkela igunya elibekwe kumzimba wamakholwa amanyeneyo kubudlelwane bebandla. Wayeziva enayo intswelo yokucetyiswa, ekwakusithi kwakuvuka imiba ebalulekileyo, akonwabele ukuyandlala phambi kwebandla nokuhlangana nabazalwana ekufuneni uThixo ukuba abanike ubulumko nokwenza izigqibo ezilungileyo."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile,* iph. 200. Inika umdla into yokuba, uPawulos owayesoloko ethetha ngobizo lwakhe lobuprofeti nendlela uYesu awambiza ngayo wamnika umsebenzi amthume wona—wayelungele kakhulu ukusebenza nebandla elikhulu. Oko kukuthi, nokuba ubizo lwakhe lwalunjani, waqonda ukuba uyinxalenye yebandla lilonke nokuba udinga ukusebenza nalo kangangoko anako.

Uthini umoya wakho ngakwinkokhelo yebandla? Usebenzisana njani? Kubaluleke ngantoni ukusebenzisana? Besingasebenza njani xa elowo esenza kuphela loo nto afuna ukuyenza, athi geqe kwibandla elikhulu?

Amakholwa Eentlanga

Funda IZenzo 15:5–29. Sithini isigqibo intlanganiso eyafikelela kuso, yanika isizathu esithini?

Isigqibo sasichasene nempikiswano yabenzi-maYuda. Aba bantu babemi kwelokuba abeeNtlanga abaguqukayo kufuneka boluke bayigcine yonke imithetho yeenkonzo zemibingelelo, nokuba "imithetho yamaYuda neenkonzo zawo kufuneka zihlanganiswe kwiinkonzo zenkolo yobuKristu."—Ellen G. White, IZenzo Zabapostile, iph. 189. Kunika umdla ukuphawula kwiZenzo 15:10 indlela uPetros awubeka ngayo imithetho emidala njenge"dyokhwe" abangenako ukuyithwala. Ingaba uYehova owamisela le mithetho, wayenza idyokhwe phezu kwabantu baKhe? Akukhangeleki kunjalo. Endaweni yoko, ekuhambeni kweminyaka, ezinye iinkokheli, ngokuthetha kwazo kwesiqhelo, zayiguqula imithetho emininzi kwiintsikelelo eyayimele ukuba zizo yaba yimithwalo. Intlanganiso yafuna ukubasindisa abeeNtlanga kule mithwalo. Qaphela, kwakhona, ukuba akuthethwa nto okanye kubuzwe ngeeNtlanga nokudingeka kokuba zithobele imiThetho eliShumi. Ngapha koko, singayicinga into yokuba intlanganiso yazixelela ukuba zingadli gazi kodwa kwamkelekile kona ukuyityeshela imithetho echasene nokukrexeza okanye ukubulala nako konke okunjalo?

Yeyiphi imithetho eyabekwa phezu kwamakholwa eeNtlanga (IZenzo 15:20, 29), ngokuba kutheni ukuba ibe yile ngokukodwa?

Nangona amakholwa amaYuda ayengazi kunyanzelisa imithetho nezithethe zawo kwiiNtlanga, intlanganiso yeQumrhu yayifuna ukuqinisekisa ukuba iintlanga azenzi izinto ezikhubekisayo kumaYuda awayehlangene nazo kuYesu. Abapostile namadoda amakhulu, ngoko ke, bavumelana ukuzifundisa iiNtlanga ngeleta ukuba ahlukane neenyama ezinikelwe kwizithixo, embulweni, nakwizinto ezibulewe kakubi, negazi. Abanye bathi, kuba ukugcina iSabatha kwakungakhankanywanga ngqo, inokuba yayingafanelanga iintlanga (kunjalo, imithetho echasene nokuxoka nokubulala nayo yayingakhankanywanga, ngoko ke loo ngxoxo ayithethi).

Singaba ngandlela ithile, sibeka phezu kwabantu imithwalo engafanelekanga kodwa ephuma kwisithethe kunakumyalelo wezulu? Ukuba kunjalo, njani? Yiza nengcamango zakho eklasini ngeSabatha

UPawulos NamaGalati

Nokuba icebiso lalicace kangakanani, babekho aba babefuna ukuhamba eyabo indlela baza baqhubeka nokufundisa ukuba kugcinwe izithethe nemithetho yobuYuda. KuPawulos, lo yayingumcimbi obaluleke kakhulu; ukuthi, wawungadlaleli kwiinkcukacha ezincinane. Yayikukukhanyela ivangeli kaKristu ngokwayo.

Funda Galati 1:1–12. UPawulos uyibona inzima kangakanani imeko ajongene nayo eGalati? Inokusixelela ntoni le nto ngokubaluleka kwalo mba?

Njengoko kutshiwo, yayiyimeko yaseGalati eyakhuthaza ngokukhulu ileta eya eRoma. Kwincwadi eya kwabaseRoma, uPawulos uphinda andise umxholo wencwadi eya kumaGalati. Amanye amakholwa amaYuda ayebanga ukuba umthetho uThixo owawanika wona ngoMoses wawubalulekile kwaye umelwe ukugcinwa ngabaguqukileyo beeNtlanga. UPawulos wayezama ukubonisa indawo yawo eyiyo nomsebenzi wawo. Wayengafuni ukuba aba bantu bazuze indawo yokubambelela eRoma njengoko benzayo eGalati. Kukuyenza lula kakhulu into ukubuza ukuba ingaba uPawulos uthetha ngemithetho yezithethe na okanye eyokulunga kumaGalati nakwabaseRoma. Ngokwembali, ingxoxo yayingokuba abaguqukileyo beNtlanga balindeleke ukuba baluke na bagcine umthetho kaMoses. Intlanganiso eyayiseYerusalem yayisele isenzile isigqibo kulo mba, kodwa abanye bala ukusilandela isigqibo sayo. Abanye bafunda kwiileta zikaPawulos ezazisiya kumaGalati namaRoma ubungqina bokuba umthetho wokulungileyo, imiThetho eliShumi, (okanye, ngokwenyaniso, umthetho wesine wodwa), awusawabopheleli amaKristu. Kanti ke, ayawulahla umxholo weeleta, ephosa imbali yomxholo nemiba uPawulos awayethetha ngayo. UPawulos, njengoko siya kubona, wayecinezela ukuba, usindiso lwalungokholo kuphela, kungengako ukugcina umthetho, nokuba ngumthetho wokulungileyo. Kanti ayinye loo nto nokuthi umthetho wokulungileyo awumele kugcinwa. Ukuthobela imiThetho eliShumi akuzange kwaba yingxaki; abo bakwenza ingxaki bafunda kwezi ndima imiba yexesha abaphila ngalo, nto leyo uPawulos awayengathethi ngayo.

Uphendula njani kwabo bathi iSabatha ayisenambophelelo kumaKristu? Ungayibonisa njani inyaniso yeSabatha ngendlela engasibeki engozini isidima sevangeli?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "AmaYuda NeeNtlanga," amaph. 188–192, 194–197; "Ukreqo EGalati," amaph. 383–388, kwiZenzo *Zabapostile*; "Umthetho Owanikwa USirayeli," amaph. 310–312; "Umthetho Neminqophiso," amaph. 370–373, *kuAmanyange Nabaprofeti*; "Abantu Abanyuliweyo," amaph. 27–30, ku*The Desire of Ages*. Ngaphandle kwentandabuzo, ibandla lethu lijongene namaxesha embambano nokukreqa. Asinto intsha phofu le. USathana usoloko esemfazweni nebandla. Nakwimihla yasekuqaleni kobuKristu, ukukreqa nembambano zabakho kwizintlu zamakholwa. Yayikho yona imbambano, ekwakuya kuthi, ukuba yayingasonjululwanga, ilitshabalalise ibandla kwasebutsheni balo. "Ngenxa yempembelelo yeetitshala zobuxoki ezaziphuma kumakholwa aseYerusalem, kwanda kumakholwa aseGalati iyantlukwano, ukuchasana nenkolo, nokuthanda iziyolo. Ezi titshala zazixuba izithethe zesiYuda neenyaniso zeendaba ezilungileyo. Zathi zityeshela isigqibo sentlanganiso yebandla lonke eyayiseYerusalem, zakhuthaza abaguqukileyo beeNtlanga ukuba bagcine ubuceducedu obabuyimithetho yamasiko."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile*, iph. 383.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Eklasini, qwalaselani impendulo yenu kummbuzo wokugqibela wangoLwesithathu. Zeziphi iindlela elinokuthi kanti ibandla lakho okanye wena ekhayeni lakho, libeka imithwalo kwabanye (okanye kuwe ngokwakho) ibe ingafanelekanga? Singaqonda njani ukuba ngokwenene siya zenza ezi zinto? Okanye, singaba sisengozini yokuba sihambe kakhulu ukuya kwelinye icala? Ukuthi, singaqonda njani ukuba siyekelele kakhulu kwindlela yethu yokuphila nakwimigangatho kangangokuba ubomi bethu abusalubonakalalisi ubizo oluphezulu esinalo kuKristu?

2. Zeziphi ezinye zeengxoxo abantu abazisebenzisayo ukubanga ukuthi imiThetho eliShumi ayisawabopheleli amaKristu namhlanje? Siphendula sithini kula mabango? Kungokuba kutheni, xa sijongile, le nto lamabango eyimposiso, baye, kwiimeko eziliqela, abo bawenzayo ngokwenene bengaphili ngokwababotshwa yimiThetho eliShumi.

3. Funda kwakhona umaGalati 1:1-12. Qaphela indlela angajiki ngayo, ukuzithemba, nenzondelelo anayo uPawulos ngokuyiqonda kwakhe igospile. Isixelela ntoni loo nto ngendlela esimele ukuma ngayo ngokupheleleyo, singagungqi kwezinye iinkolo, ngakumbi ngale mihla nexesha lobuninzi beenkolo nokuthi yonke into ixhomekekile? Ithini le nto ngokungabi nakujikwa kwezinye iimfundiso, nokuba sekutheni?

4. Eklasini thethani ngemiba eyazisa uHlaziyo lobuProtestanti. Zeziphi iyantlukwano ezingazange zisonjululwe?

Notes